Isifundo 9

** 22–28 Februwari*

Ukusuka Ekungcolisweni Ukuya Ekuhlanjululweni

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Daniyeli 8, Dan. 2:38, Gen. 11:4, Levitikus 16, Heb. 9:23–28.

Indima Yenkumbulo:
"Wathi kum, Koda kube ziintsuku ezingamawaka amabini anamakhulu amathathu; yandule ukuhlanjululwa ingcwele" (Daniyeli 8:14, NKJV).

Umbono oxelwe kuDaniyeli 8 wawunikwe umprofeti ngowama-548/547 B.C., waye unika iingcaciso ezibalulekileyo ngomgwebo ekubhekiswe kuwo kuDaniyeli 7. Ngokungafaniyo nemibono kaDaniyeli 2 nowesi-7, umbono kaDaniyeli 8 uyayishiya iBhabheli uqale ngeMedia-Persia, kuba ngeli xesha iBhabheli yayisihla aye amaPersi ekufuphi ukuba ayithabathe indawo yeBhabheli njengegunya lomhlaba elilandelayo. Umbono kaDaniyeli 8 uhambelana nokaDaniyeli 7. Ulwimi nemifuziselo iyaguquka kuDaniyeli 8 kuba izisa ngokubonakala kakuhle kakhulu ukuhlanjululwa kwengcwele yasezulwini ngokuhlangene neMini yoCamagushelo. Ngoko ke, igalelo eligqamileyo likaDaniyeli 8 lilele koku kuqwalasela kumabakala engcwele yasezulwini. Nangona uDaniyeli 7 ebonisa inkundla yasezulwini noNyana woMntu esamkela ubukumkani, uDaniyeli 8 ubonisa ukuhlanjululwa kwengcwele yasezulwini. Ngoko njengokuba uhambelwano phakathi kwezi zahluko zibini lubonisa, ukuhlanjululwa kwengcwele yasezulwini okuboniswe kuDaniyeli 8 kuhamba umboniso womgwebo kaDaniyeli 7.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka 29 Februwari.*

Cawa *23 Februwari*

Inkunzi Yegusha Nebhokhwe

Funda: Daniyeli 8. Ungantoni lo mbono, kwaye uhambelana njani noko sikubone kuDaniyeli 2 nesi-7?

NjengakuDaniyeli 2 nesi-7, sinikwe apho omnye umbono wokuphakama nokuwa kwezikumkani zomhlaba, nangona kungohlobo olwahlukileyo lwemifuziselo. Olu fuziselo lwayame ngokutsolileyo kwingcwele kaThixo. Kule imeko, umfuziselo wenkunzi yegusha nowebhokhwe isetyenziswe ngenxa yokuhlangana neMini yoCamagushelo kwinkonzo yasengcweleni, ixesha lomgwebo kuIsrayeli wakudala. Iinkunzi zeegusha neebhokhwe zazisetyenziswa njengomnikelo wombingelelo kwinkonzo yasengcweleni. Kwakuba kuphela ngeMini yoCamagushelo apho esi sibini sasikhankanywa kunye. Kungoko, ezi zilwanyana zibini zikhethwe ngenjongo apha yokuvusa iMini yoCamagushelo, eyiyeyona ubalasele kakhulu kuyo umbono.

Uthi xa umbono utyhileka, uDaniyeli abone inkunzi yegusha ityhudisela kumacala amathathu: ngasentshona, ngasentla, nangasezantsi (Dan. 8:4). Le ntshukumo intlantlu-ntathu ibonisa ukukhula kweli gunya: "kwaza akwabakho rhamncwa linokumelana nalo, akwabakho unokuhlangula esandleni sayo. Yenza ngokukholekileyo kuyo, yakhula" (Dan. 8:4, NKJV). Ngokokuchaza kwengelosi, inkunzi yegusha enempondo ezmbini imele ubukumkani beMedo-Persi (Dan. 8:20), kanti amacala amathathu nokuphandle anokuba amele uloyiso olukathathu lweli gunya lomhlaba. Okulandelayo, ibhokhwe ivela inophondo olukhulu, elimele ubukumkani beGrisi phantsi komphathi-mkhosi uAlexander Omkhulu (Dan. 8:21). Ukuhamba kwebhokhwe "ingafiki phantsi" (Dan. 8:5, kubonisa ukuba ihamba ngokukhawuleza. Lo mfuziselo, uzisa umfanekiso wokukhawuleza kokoyisa kuka-Alexander, uDaniyeli 7 alubeka njengehlosi elinamaphiko. Kanti ke, njengoko isiprofeto sibonisa, yathi ibhokhwe "yakuba namandla, lwaphuka uphondo olukhulu" (Dan. 8:8) lwavulela indawo iimpondo ezine, ezaya kufikelela kwiimbombo zone zelimiweyo. Oku kwazaliseka xa uAlexander esifa eBhabheli ngoJuni 323 B.C. eneminyaka engama-33 ubudala, baza ubukumkani bakhe bahlulwa phakathi kweenjengele zakhe ezine.

Phakathi kukaDaniyeli 2:38 noDaniyeli 8:20, 21, zintathu okanye zine izikumkani ezityhilwe emibonweni esizixelelweyo. Le nyaniso imangalisayo imele ukusinceda njani ukuqinisekisa ukuchana kokuchaza kwethu ezi ziprofeto?

Ukukhula Kophondo Oluncinane

Funda: Daniyeli 8:8–12 ngobunono. Kukwawaphi amacala apho olu phondo luya ngakhona, kungokuba kutheni kubalulekile ukuba oku kuqondwe?

Emva kokubonisa iimpondo ezine zisiya kwimimoya emine yamazulu, indima yeBhayibhile ixela ukuba kwelinye kwaphuma uphondo oluncinance. Umbuzo apha ngowokuba ingaba olu phondo/gunya liphuma kwelinye leempondo ezine na ezibe zimele iinjengele ezine zika-Alexander, njengoko sibonile izolo-okanye omnye kwimimoya emine na? Ukuma kwegrama yendima kulwimi lwakuqala kubonisa ukuba olu phondo luphuma komnye wemimoya emine yezulu. Njengoko eli gunya liphuma emva kobukumkani beGrisi nasemva kwamahlumelo ayo, ukuqonda okulula kokokuba olu phondo yiRoma, kuqala eyobuhedeni, kulandele eyobupopi. "Olu phondo luncinane lumele iRoma, kuqala kwisigaba sayo sobuhedeni, isigaba solawulo, ukulwa nabantu bakwaYuda namaKristu okuqala, emva koko, kwisigaba sayo sobupopi, iqhubeka kuze kweyethu imihla nakwixesha elizayo."—*The Seventh-day Adventist Bible Commentary*, vol. 4, p. 841.

Ngokwendima yeBhayibile, uphondo oluncinane lwaqala lwaxwesa ukuhamba kwalo, "lwaba lukhulu ngokuncamisileyo, lwabheka ngasezantsi, nangasempumalanga, nangasezweni eliligugu" (Dan. 8:9). La macala ahambelana neendawo eziphambili ezintathu ezangena ngaphantsi kokugunya kweRoma yobuhedeni. Njengokuba uphondo oluncinane ludlala indawo ephambili embonweni, ukubheka phezulu kwalo kunikwa ukuqwalaselwa ngononophelo. Ngokwalo mba, uphondo luhambelana kakhulu nophondo oluncinane lukaDaniyeli 7, njengoko uthelekiso olulandelayo lubonisa: (1) Zombini iimpondo zincinane ekuqalekeni (Dan. 7:8, Dan. 8:9). (2) Zombini ziba nkulu kamva (Dan. 7:20, Dan. 8:9.). (3) Zombini zingamagunya atshutshisayo (Dan. 7:21, 25; Dan. 8:10, 24). (4) Zombini ziyaziphakamisa zithethe indumbisa (unyeliso) (Dan. 7:8, 20, 25; Dan. 8:10, 11, 25). (5) Zombini zijolise kubantu bakaThixo (Dan. 7:25, Dan. 8:24). (6) Zombini zinemiba ekwenzeni kwazo eyabelwe ixesha lesiprofeto (Dan. 7:25; Dan. 8:13, 14). (7) Zombini ziqhuba kude kube lixesha lokuphela (Dan. 7:25, 26; Dan. 8:17, 19). (8) Zombini zifumana intshabalalo engasentla kwendalo (Dan. 7:11, 26; Dan. 8:25). Ekugqibeleni, kuba uphondo oluncinane lukaDaniyeli 7 lumele ubupopi, ukukhula ngokunyukela phezulu kophondo oluncinane lukaDaniyeli 8 kunyanzeleka ukuba kumele kwaelo gunya linye. Ngoko ke, njengakuDaniyeli 2 nesi-7, igunya lokugqibela eliphambili yiRoma, zombini – eyobuhedeni neyobupopi.

Ukuhlaselwa Kwengcwele

Funda: Daniyeli 8:10–12. Sesiphi isenzo sophondo oluncinane olubonisiwe lusenza apha?

KuDaniyeli 8:10, uphondo oluncinane luzama ukuphinda, kumgangatho wasemoyeni, amalinge abakhi beBhabheli (Gen. 11:4). Izaci "umkhosi" no"iinkwenkwezi" zalatha kubantu bakaThixo kwiTestamente eNdala. UIsrayeli walathwa ngokuthi yimikhosi kaYehova (Eks. 12:41). UDaniyeli ukwalatha kubantu bakaThixo abathembekileyo ngokuthi babengezela njengeenkwenkwezi (Dan. 12:3). Kucacile oku ukuba asikuko ukuhlasela iinkwenkwezi eziya zisesibhakabhakeni, kodwa kukutshutshisa abantu bakaThixo, aba"[kowabo] lisemazulwini" (Filipu 3:20). Nangona inyambalala yamaKristu yabulawa ngookumkani bobuhedeni, apho kujonwe khona ngoku kukwizenzo ezibheka phezulu zophondo oluncinane. Ngoko ukuzaliseka kokugqibela kwesi siprofeto kufuneka kudityaniswe neRoma yobupopi nokutshutshisa kwayo emaphakadeni. Naye, uDaniyeli 8:11 uthetha ngo"Mthetheli," okhankanywe kwenye indawo njengo "Mthanjiswa uMthetheli" [NKJV] (Dan. 9:25), "Mikayeli, uMthetheli wenu" (Dan. 10:21), no"Mikayeli umthetheli omkhulu" (Dan. 12:1). Akakho omnye ngaphandle kukaKristu ekunokuba kubhekiswa kuye ngale ntetho. UYesu Kristu unguMthetheli "womkhosi" ekuthethwe ngawo ngaphambili, ekwanguMbingeleli wethu omKhulu ezulwini. Ngoko ke, ubuPopi nohlelo lwenkolo ebumeleyo benza mfiliba buzame ukudlula ngaphaya kwendawo yobubingeleli bukaYesu.

KuDaniyeli 8:11, "inkonzo yamaxesha" yenzeka ngokuhlangene nengcwele yasemhlabeni ukubonisa iqela nokuqhubeka kwemiba yeenkonzo zamadini – kuquka imibingelelo nokuthethelela. Kungezi nkonzo awayesithi umoni axolelwe nezono kwenziwe into ngazo emnqubeni. Le nkqubo yasemhlabeni imele ulungiselelo lokuthethelela kukaKristu kwingcwele yasezulwini. Njengoko isiprofeto sixela, ubupopi bumisa endaweni yokuthethelela kukaKristu ukuthethelela kwababingeleli. Ngonomgogwana onjalo wonqulo, uphondo oluncinane lususa ulungiselelo lokuthethelela kukaKritu luze lube, ngokomfuziselo, lulahlela phantsi ingcwele kaKristu."Inyaniso lwayiwisela phantsi emhlabeni; lwenza lwaba nempumelelo" (Dan. 8:12). UYesu waxela ngaYe ukuba uyinyaniso (Yohane 14:6) walatha nakwiliZwi likaThixo njengenyaniso (Yohane 17:17). Kwelinye icala, ubupopi buyala ukuba iguqulwe iBhayibhile ibe kwiilwimi zabantu, babeka ukuguqulwa kweBhayibhile phantsi kwegunya lebandla, babeka isithethe ecaleni leBhayibhile njengegunya elongamileyo elilawula ukholo.

Simele ukusixelela ntoni esi sifundo ngokuxabiseka nokubaluleka kokwazi ukuba inyaniso yebhayibhile ngokwenene ichasene nezithethe zabantu?

Lwesithathu *26 Februwari*

Ukuhlanjululwa Kwengcwele

Funda: Daniyeli 8:14. Kwenzeka ntoni apha?

Emva kukabhubhani wohlaselo lophondo, kwenziwa isaziso sokuba ingcwele iya kuhlanjululwa. Ukuze siqondwe esi sigidimi, kufuneka sikhumbule ukuba ukuhlanjululwa kwengcwele okuthethwe ngako kuDaniyeli 8:14 kuhambelana nombono wogwebo oboniswe kuDaniyeli 7:9–14. Kususela ukuba lo mgwebo uqhubeka ezulwini, ingcwele inokuba isezulwini nayo. Kungoko, ngexesha uDaniyeli 7 ezoba ukungenelela kukaThixo nokuqhelana nemicimbi yoluntu ngakwicala lomgwebo, uDaniyeli 8 uchaza isiganeko esinye ngakwicala lengcwele.

Ingcwele yasemhlabeni yenziwa yangumceph' ucandiwe neyasezulwini, yaza yenza ukuba ibonise ububanzi bemida yecebo losindiso. Yonke imihla, aboni babezisa imibingelelo yabo engcweleni, apho abantu babexolelwa izono zabo abazivumileyo njengoko zinjalo, ngandlel' ithile zigqithiselwe engcweleni. Isiphumo, ingcwele yangcoliswa. Ngoko ke, inkqubo eyayisenzeka ngamaxesha athile amisiweyo yayidingeka ukuze kuhlanjululwe ingcwele kwizono ezilapho ngaphakathi kuyo. Yayibizwa ngokuthi yiMini yoCamagushelo eyayisenzeka kanye ngomnyaka (jonga Levitikus 16).

Kutheni le nto kudingeka ukuba ihlanjululwe ingcwele yasezulwini? Ngokufanisa, singathi izono ezivunyiweyo zabo bamkele uYesu ziye "zagqithiselwa" engcweleni yasezulwini, kanye njengokuba izono zamaIsrayeli awayeguquka zazigqithiselwa kwingcwele yasemhlabeni. NgeMini yoCamagushelo yasemhlabeni, izilwanyana eziliqela zazibulawa, zifuzisela ukufa kwexesha elizayo kukaYesu, okwakuyindlela yokuba aboni bakwazi ukuma ngeMini yoCamagushelo.

Kanye njengoko oko kwakusenzeka emhlabeni ngeMini yoCamaguselo xa ingcwele yayihlanjululwa, kobeka phi ukuba njalo kweyasezulwini, xa igazi likaKristu kuphela lisiphumelisa emgwebeni? Ukuhlanjululwa kwengcwele, okuboniswe kuDaniyeli 8:14, ngumcephe ucandiwe ezulwini wenkonzo yasemhlabeni, enesigidimi esiyintloko esithi: njengaboni, sidinga igazi likaMesiya ukuba sixolelwe izono zethu, lisenze sikwazi ukuma emgwebeni.

Funda: Hebhere 9:23–28. Zilutyhila njani ezi ndima usindiso esinalo kuYesu ngombingelelo waKhe ngathi?

Ucwangciso Lwexesha Lesiprofeto

Funda: Daniyeli 8:13. Kubuzwa ntoni apha, kwaye kusinceda njani ukuba siyiqonde impendulo ekwindima elandelayo?

Liyintoni ixesha lokuhlwa, kusisa okungama 2,300? Kuqala, kufuneka siqaphele ukuba emva kokuba uDaniyeli eboniswe inkunzi yegusha neyebhokhwe, kwalandela izenzo nomonakalo owabangwa luphondo oluncinane, umbono uyajika ube ngumbuzo kuDaniyeli 8:13. Lo mbuzo ufuna ukwazi kakhulu oko kuza kwenzeka ekupheleni kwexesha lesiprofeto, hayi ngexesha siqhubeka. Ukongeza, ixesha elinjalo alikwazi ukuba liphelele kwixesha lezenzo zophondo oluncinane, kuba isaci umbono siquka yonke into kususela kwinkunzi yegusha kuye kwizenzo zophondo oluncinane. Ngoko ke, eli limele ukuba libe lixesha elide lenkqu yembali.

Kumbuzo othi “ngowomzuzu ongakanani na umbono” (inkunzi yegusha [Medo-Persi], ibhokhwe [Grisi], nophondo oluncinane nezenzo zalo [iRoma, eyobuhedeni neyobupopi]), esinye isidalwa sasezulwini saphendula: “Koda kube kukuhlwa, kusisa, okungamawaka amabini anamakhulu amathathu; yandule ukuhlanjululwa ingcwele”(Dan. 8:14, NKJV). Njengoko sesibonile, eli xesha lide kakhulu kuba isiqalo salo singexesha lobukumkani iMedo-Persi linabe liye kwixesha lweGrisi neRoma yobuhedeni neyobupopi, amawaka eminyaka. Ngokwendlela yokuchaza eyayame kwimbali (jonga Isifundo 1), esi siprofeto semelwe ukubalwa ngokomthetho-siseko esiyimini-ngumnyaka, into ethi okwakuhlwa, kusisa kungama-2,300 kuhambelana nexesha lama-2,300 yeminyaka. Kungenjalo, ama-2,300 eentsuku ebeya kuba ngaphezulwana nje kweminyaka emithandathu, ixesha elifutshane kakhulu ukuba linganeziganeko zombono. Kungoko umthetho-siseko weminingumnyaka kufuneka usebenzile.

UDaniyeli 8 akasiniki ulwazi lokusivumela ukuba siqale ukuba isiqalelo seli xesha, ebekuya kwenza ukuba sikwazi ukumisa isiphelo salo. Phofu uDaniyeli 9 uyasinika intwana yolwazi (jonga isifundo seveki ezayo).

Ama-2,300 eminyaka yesi siprofeto ilelona xesha lide lesiprofeto eBhayibhileni. Cinga ngayo: ama-2,300 eminyaka! Lixesha elide elo, ngakumbi xa kuthelekiswa nobude bexesha lokuphila kwethu ngoku. Oku kungahambelani kungasinceda njani ukuba sifunde ukuba nomonde ngoThixo nakokwethu ukulindela ixesha leziganeko zokugqibela?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Apha ngasezantsi kukho itshathi eshwankathela oko sithe sakujonga ngokubhekiselele kulandelelwano lwezikumkani eziboniswe kuDaniyeli 2, 7 ne-8. Kusixelela ntoni oku ngokuhlanjululwa kwengcwele?

Daniyeli 2	**Daniyeli 7**	**Daniyeli 8**
Bhabheli	Bhabheli	-
Medi-Persi	Medi-Persi	Medi-Persi
Grisi	Grisi	Grisi
Roma yobuhedeni	Roma yobuhedeni	Roma yobuhedeni
Roma yobuPopi	Roma yobuPopi	Roma yobuPopi
-	Umgwebo ezulwini	Ukuhlanjululwa kwengcwele
[ILityе lisuka kungengasandla]	[Abangcwele bazuza ubukumkani]	Ukutsatyalaliswa

Njengoko sibona apha, kukho ukuhambelana phakathi kwezahluko. Asikuphela nje kweentlanga eziboniswe zihambelana, nomboniso womgwebo kuDaniyeli 7-obekho emva kweminyaka eli-1,260 (A.D.538–1798 B.C.) yeRoma yobupopi, nayo ihambelana nokuhlanjululwa kwengcwele, ethi, kuDaniyeli 8 ivuke nayo emva kweRoma. Ngokufutshane, lo mgwebo wasezulwini ukhokelela ekupheleni komhlaba-yinto enye nokuhlanjululwa kwengcwele okukuDaniyeli 8. Sinikwe apha imiboniso emibini eyahlukeneyo yento enye, yaye yomibini yenzeka emva kwexesha leminyaka elili-1,260 lentshutshiso eyenziwe mbi ligunya lophondo oluncinane.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Le tshathi ingentla isibonisa njani ukuba ukuhlanjululwa kwengcwele, into enye nomgwebo okuDaniyeli 7, kufuneka kwenzeke emva kwesiprofeto se-1,260 leminyaka yophondo oluncinane, kodwa ngaphambi kokumiselwa kobukumkani bokugqibela bukaThixo?

2. Isiprofeto sikaDaniyeli 8 sibonisa imbali njengento enobubhovubhovu nezele bububi. Izilwanyana ezibini, ezifuzisela izikumkani zomhlaba ezibini, ziyalwa esinye nesinye (Dan. 8:8–12). Igunya eliliphondo elincinane eliphuma emva kwazo liligunya elinobungonyama nelitshutshisayo (Dan. 8:23–25). Ngoko ke, isiBhalo apha senza umzamo wokubuthethela phantsi ubunyaniso bokubulaleka kweli hlabathi. Kungasinceda njani ukufunda ukuthembela kuThixo nokulunga kwaKhe nangona ubunyaniso bobubi sibubona busijikelezile?